

1.

Inkosi yokugala ngu "Dlomo"

1. Liyephu wazala uTatazela.
 2. Langali alele wazala uLiyephu.
 3. Mtinkhulu wazala uLangalibalele
 4. Bungane wazala uMthimkhulu.
 5. Ntsele wazala uBungane Wamakhulukhulu
 6. Mashiyyi wazala uNtsele
 7. Dlomo wazala uMashiya.
 8. Ncobo wazala uDlomo.
 9. Mthimkhulu Wanganga wazala uNcobo no Radebe.
 10. Dlamini wazala uThimkhulu Nganga
 11. Ndlovu wazala uDlamini
 12. Malunga wazala uNdlovu
- uNcobo wabaleka washiya uMnina wahe ukuba abe yinkosi.
Washiya inkosikazi yakhe indzima, yazala unyana ongu "Dlomo".
Emva kuka Dlomo kuzelwe uLidwala ngo yisekazi uRadebe.

Ukubekwa kwenkosi.

Kubekho ukulwa phakati kwa bantu uRadebe obeyi nkosi endaweni yomkhuluwe wakhe uNcobo wafuna kubekwe uLidwaba ozalwe nguye kumka Ncobo umkhulu we wakhe.

Inxalenye yesizwe yalile isiti uDlomo lo eyi nkosi nje yinkosi. Waye siti uyisekazi skaziwa uDlomo ukuba ngoka banina kuba uvele uNcobo engasekho ekhaya. Inxalenye yathabatha ilizwi lika Radebe nje ngenkosi. Ekugqibeleni wabekwa uDlomo wayi nkosi. Laza iqela like Radebe uyisekazi nonyana, wakhe uLidwala, lafuna ukumbulala uDlomo. Wabaleka negelana lamadoda uDlomo waya kuzimela eNxokotyeni ababasamfumana. /Kute xa lapho e Nxokotyeni kwafika emankomo ema ngasentla kwe Nxokotya leyo. Atha amakwenkwe xa esalusa awabona amankomo. Aza emankomo enza ubuhlobo obukhulu namakwenkwe. Azake ngoko Amankomo onke nawo adibana no Dlomo waza uDlomo wanesizwe waphuma ngoku ukuya kuhlasela uRadebe nonyana wake uLidwala. uRadebe woyika waza uDlomo wayinkosi.

S.92

1. uDlomo ke wazala umashiya.
2. umashiya ke wazala uNgwekazi kwendlu enkulu.
3. Kwendlu yesithandathu uzale uNtsele.

Ngelixesha ke uDlomo wascle khulile enga senako ukuphata ubukhosai, kwafuneka kubekwe uNgwekazi umzukulwana wakhe omkhulu, kodwa uDlomo walile wathi "Ubukhosai mabutatyatwe ngu Ntsele, kuba uNgwekazi akandiva."

1. uNtsele uzele uBungane wamakhulukhulu.
2. uBungane uzele umthimkhulu.
3. umthimkhulu uzele umphangazitha
4. umphangazitha uzele uSidinane
5. uSidinane uzele uZibi
6. uZibi uzele uJohannes
7. uJohannes uzele uGeorge.

Lendlu ka Mpangazitha yachiteka eMzinyathi yachitwa ngamangwane, yaya e Lutukela, a ba landela nalopho.

Bemka baya e Lusuthu e Ngwandleni inkosi ibise yingu Sidinane. A ho Mgadleni bagxotwa ngabeSuthu, bemka badda baya kuma eHerschel, apha eHerschel bafuduka beza apha kwa Baca, abanye baya e Koloni.

3.

Wabubela apha kwa Mosheshe uDinane. Bachitwa apha e Lusuthu nga Mazulu, bemka baya kufika eHerscel, bafika selekhona pho. umhlambiso evela naye ngase Natal engowo mkhuluwe ka Mpangazitha umthimkhulu. Apha e Herschel bakhonza ku Rulumente. umhlambiso unyana ka Mthimkhulu no Zibi unyana ka Sidinane ubuye umhlambiso wehla waya e Koloni eshiya uZibi eHerschel apha. Kuthe bakwandaabantu wehla uZibi weza kweli lakwa Baca kwa Makaula e Matatiele bafika bathunga izilulu aba bezifunde eMgwadleni eLusuthu.

Uthe ke uNkosi uZibi esandulu kufika kwabakho imfazwe ka Morosi eLusuthu kwi Dolophu yase Quthing. uZibi wancedisa uRulumente nakwimfazwe ka "Hope" eKhohlombeni.

uRulumente esilwa Namampondomisa emvakoko uZibi walwa nomhlontlo, wacetyiswa kakhulu ngu Mfundisi uRev. Meyer.

K11/19

3 *

S.92. Wathi uZibi akubona ukuba uMblontlo untyalela ngapesheya kwe Kenegha, uZibi wacela uncedo ku Rulumente wamnceda ke uRulumente wenza imidange Tina River. Amampondomise na "Badlongwa" wawanika ngapesheya kwe Thina, kwa ngexesha like Zibi yabakho imfazwe yama Bulu, nange xesha lakhe waya kucela aba Fundisi base Morevi e Bede.

4

Kwathi ngexesha lonyana wakhe uJohannes kwabakho idiphu Amahlubi aye funa ukulwa noRulumente ngalento kodwa uNkosi Johannes encediswa ngu "Mangena"bazana ukumela uRulumente abantu bamtobela kodwa kwaku/futshane njalo kwavela imfazwe yase Germany ngonyaka ka 1914. uRulumente ucele uncedo, akavuma Amahlubi kuba aye seno bushushu bediphu. Kwawela amadoda asixheence kuphela.

Ngo 1925 kwabakho intshumayelo ka Dr. Wellington ethi:-
Idiphu mayiphele uMlungu make mke.

Naleyo uNkosi Johannes wayilwa ngobu kroti.

Kwabakho ne "Mbalela" ngo 1933 zafa inkomo yankulu nendlala. Ngo 1935 uGeorge unyana ka Johannes uthabathe isihlalo sobukhosi.

END. S 92.